Stellenbosch UNIVERSITY IYUNIVESITHI UNIVERSITEIT

Mawethu athandekayo kunye nabafundi

IYunivesithi yaseStellenbosch (iSU) iyayihlonipha kwaye iyayithobela imithetho yokhuseleko nenkululeko yokuzibandakanya njengoko kubhaliwe kuMgaqosiseko welizwe. Ngenxa yoko, siyaluxhasa uluntu lwethu lwezemfundo kunye nabafundi ekuvakaliseni izimvo zabo ngoxolo kwaye sizibandakanye kwiingxoxo ezakhayo ngaphakathi kwemida yemigaqonkqubo yeYunivesithi kunye nomthetho.

IYunivesithi iqinisekisa ukuba isiGqeba sayo soLawulo asiphumanga nasindululo kwingxubakaxaka ephakathi kukaSirayeli-nePalestina. Esi siphakamiso besiphantsi komxholo "Proposed resolution for Stellenbosch University Senate on the Genocide and Destruction of Scholarship and Education in Gaza".

IsiGqeba soLawulo besibambe intlanganiso ekhethekileyo ngoLwesibini, umhla wama30 kuTshazimpuzi ka2024 ukuze kuxoxwe ngesindululo emva kokuba sasithiwe thaca kwintlanganiso ebicwangciselwe eyoKwindla. IsiGqeba soLawulo sivote ngale ndlela, abangama80 basivumile isindululo kunye abali101 bavote ngokuchasene nesindululo, kwaye abali18 khange bavote.

**Isindululo esicetywayo sifundeka ngolu hlobo:**

Ngoko ke, isiGqeba soLawulo seYunivesithi yaseStellenbosch senza isiphakamiso ngolu hlobo lulandelayo:

1. *Siphakamisa ukubekwa phantsi kwezikhali ngokukhawuleza kunye nokupheliswa kohlaselo lwabantu baseGaza nakwaSirayeli, ukuhanjiswa kweenkonzo zoncedo loluntu kunye nokubuyiswa kwabo bonke abathinjwa kubandakanywa nokubuya ngokukhuselekileyo kwabathinjwa abathinjwa yiHamas, *kwaye kubandakanywa nokubuya ngokukhuselekileyo kwamabanjwa ezopolitiko asePalestina abakwiintolongo zakwaSirayeli.*
2. *Ukukhalimema ukutshatyalaliswa kwecandelo lezemfundo eGaza kunye nenani eliphezulu lokubulawa kootitshala nabasebenzi baseyunivesithi kule mfazwe iqhubayo.*
3. *Ukukhuthaza uluntu lwamazwe ngamazwe ukuba luqinisekise ukuba ubonelelo loncedo loluntu lubandakanya ukuvuselelwa kwecandelo lezemfundo eGaza.*
4. *Ukuvakalisa inkxalabo yethu kunye nokuchasa naziphi na iinzame zokunciphisa inkululeko yezemfundo ngokubhala ukugxeka kukaSirayeli okanye imigaqonkqubo yeZionist njengento ngafanelekanga.*
5. *Ukukhaba inkcazo yeantisemitism ngokuchazwa yiIHRA.*
6. *Ukuvakalisa inkxaso koogxa bethu bezemfundo eGaza abaphila phantsi kweemeko ezimbi kunye nenjongo yethu yokuncedisa ekwakhiweni kwakhona kwecandelo lezemfundo emva kwemfazwe.*

7. *Ukuvakalisa uvelwano lwethu noogxa bethu bezemfundo abaxhatshazwe ngokuvuma kwabo ukuthetha phandle ngokuchasene nokubulawa kwabantu eGaza.*

Nangona isindululo singaphakanyiswanga sisininzi sesiGqeba soLawulo, iSU iyaqonda ukuba ingxubakaxaka yakwaSirayeli-nasePalestina ichaphazela uluntu lwethu ngokubanzi, kwaye ngoko ke, sigxininisa ukuba iziko lethu limi ngokukagungqiyo kwimigaqo yoxolo, intlonipho yamalungelo oluntu, inkululeko yokuvakalisa izimvo, kunye nemigaqo yoMthetho yoNcedo loLuntu yaMazwa ngaMazwe. Njengeyunivesithi enkqenkqeza phambili eAfrika, iSU iyakuvuma ukubaluleka kwenkululeko yokufunda, ukwabelana ngolwazi neembono ngamaxesha obunzima kunye nokuxhasa amaqonga otshintshiselwano ngeembono ezahlukeneyo, ntlandlo zombini ezangaphakathi nezangaphaya kwemida yethu yezemfundo. Sizibophelele ekuxhaseni nasekukhuthazeni  ukuvulwa kwamaqonga apho zonke iimbono zinomanyelwa khona.

I-SU ivakalisa uvelwano olunzulu nabo bonke abo babandezelekayo, ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo, ngenxa yentlekele egqubayo yoluntuu.

ICandelo leNqununu laseSU likwangqina ukuba zonke iingxoxo zemfundo kwiYunivesithi yaseStellenbosch ziqhutywa ngokwesakhelo seenqobo zeYunivesithi, ezizezi, ukugqwesa, uvelwano, ukuba noxanduva lokuphendula, intlonipho nobulungisa. Oku kukwasisiseko sokusingatha kunye nokuthatha inxaxheba kwiinkomfa, iiwebinars kunye nothungelwano; kunye nokugcina ubuhlakani bentsebenziswano kwihlabathi liphela.
Ukuzinikela kwethu ekugqweseni ezifundweni nakwintlalontle yoluntu lwethu akugungqi. Siza kuqhubeka nokugcina le migaqo ngelixa sijonga ubunzima balo mba kunye neminye imingeni yehlabathi.

**UNjing Wim de Villiers**
**INqununu neyiNgqonyela**